



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2012**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha asi-7.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:
 

ICANDELO A:	Izincoko	(50)
ICANDELO B:	Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C:	Imihlathana emifutshane	(20)
2. Phendula umbuzo OMNYE kwicandelo NGALINYE.
3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise umsebenzi wakho (umzekelo: imephu yeengcinga/umzobo/imizobo ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo-njalo), wandule ukuwufundiswa uwuhlele. Kunyanzelekile ukuba uyilo LUKHOKHELE isincoko.
6. Kunyanzelekile ukuba zonke izicwangciso zakho uzibhale ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca kuyilo ngalunye.
7. Uyacetyiswa ukuba icandelo ngalinye ulabele ixesha ngolu hlobo:
 

ICANDELO A:	imizuzu engama-80
ICANDELO B:	imizuzu engama-40
ICANDELO C:	imizuzu engama-30
8. Nombola iimpendulo ngendlela izihloko ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esifanelekileyo.  
**QAPHELA:** Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko/kumhlathana.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.


**ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-390 kwisincoko ngasinye.

**UMBUZO 1**

- |     |  |      |
|-----|--|------|
| 1.1 | Amaphepha-ndaba aluncedo eluntwini.  | [50] |
| 1.2 | Ndithi ndakucinga loo mini ndiphele yintsini.  | [50] |
| 1.3 | Ikamva lakho lisezandleni zakho.   | [50] |
| 1.4 | lindlela ezifanelekileyo ezinokusetyenziswa ukululeka abafundi ezikolweni.                   | [50] |
| 1.5 | Indlala inamanyala.  | [50] |
| 1.6 | lindlela zokuphila komntu omtsha.  | [50] |
| 1.7 | Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi uze ubhale isincoko esinesihloko esifanelekileyo. |      |

1.7.1



[50]

1.7.2



[50]

**AMANQAKU ECANDELO A:** 50

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-120 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

**UMBUZO 2****2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Umhlobo wakho osenyongweni akasebenzanga kakuhle ezifundweni zakhe. Akasafuni ukubuyela esikolweni. Bhala ileta umkhuthaze aphakame, kuba ikamva lakhe lisesikolweni.

**[30]****2.2 I-OBHITSHUWARI**

Uswelekelwe ngumzala wakho. Bhala i-obhitshuwari yakhe ngendlela efanelekileyo uzi velele zonke iinkalo zokubhalwa kwayo.

**[30]****2.3 INGXELO**

Ungomnye wabafundi ebebemele isikolo sakho kwingxoxo-mpikiswano yoLwimi lwesiXhosa. Nika ingxelo kubafundi.

**[30]****2.4 INQAKU ELIYA KUMHLELI**

Bhala inqaku njengomfundu okhathazekileyo eliya kumhleli ukhuphe imbilini nombono wakho ngabafundi abahla benyuka ezidolphini benxibe iyunifomu ngexesha lesikolo.

**[30]****AMANQAKU ECANDELO B:** **30**

**ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-100 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

**UMBUZO 3****3.1 IKHADI LESIMEMO**

Yila ikhadi lesimemo eliya kumhlobo wakho ummemela kwitheko lokubhiyozela ukugqiba kwakho iminyaka engama-21 uzelwe. [20]

**3.2 IPOWUSTI-KHADI**

Uthe wakufumana iziphumo zakho zokuphumelela unyaka wokuggibela eYunivesithi, wacinga ngomama wakho obesiwa evuka nawe, esenza amatatile okuba ufunde. Mthumele umyalezo wombulelo ngepowusti-khadi. [20]

**3.3 UKUGCWALISA IFOMU**

Ubhalisele ukuqhubeke nezifundo zakho kwenye yeeYunivesithi zoMzantsi Afrika. Gcwalisa le fomu uze ubhale ngezivakalisi ezipheleleyo. (Fumana ifomu kwiphepha elilandelayo). [20]

**A. IINKUKACHA NGawe**

IFANI: .....

AMAGAMA: .....

IDILESI YASEKHAYA: .....

.....

.....

.....

IDILESI YEBHOKISI YEPOSI: .....

.....

.....

INOMBOLO YOMNXEBA WASENDLWINI: .....

INOMBOLO YESELULU: .....

INOMBOLO YESAZISI: .....

**B. IZIFUNDO OKHETHE UKUZENZA EYUNIVESITHI**

1. Izifundo obhalisele ukuzenza.

.....

2. Yintoni ekuqhubele ukuba ubhalisele ezi zifundo?

.....

3. Ulufumene njani ulwazi ngezi zifundo?

.....

4. Uza kufundela esiphi isidanga?

.....

5. Mingaphi iminyaka ekufanele uyithathe xa usifundela?

.....

6. Ziziphi izifundo ekulindeleke ukuba uzifunde ukuze ube usiqqibile?

.....

.....

.....

7. Chaza amalungiselelo nezicwangciso zakho zexesha elizayo?

.....

.....

.....

Intsayino-gama: ..... Umhla: ..... Unyaka: .....

[20]

**AMANQAKU ECANDELO C:**  
**AMANQAKU EWONKE:**

20

100